

IProjekthi yeNkulumbuso yokuQhubekisela Phambili uLutsha ngokufumana Amava oMsebenzi okuQala

Ngaba ungathanda ukufumana amava omsebenzi kwiNkonzo kaRhulumente? Ngoko ke musa ukujonga kude!

Iprojekthi yePAY yokuba
Namava oMsebenzi okuQala
ibonelela abafundi abaneMatriki
ngamava omsebenzi okuqala
kwaye uqeqesho luza
kuqalisa ngomhla **woku-1
kuTshazimpuzi kude kube
ngowama-31 kweyoKwindla.**
Oku kungakhokelela kwithuba
lokungenela ukhuphiswano
lwebhasari ukuze ufunde
ngakumbi kwinkalo yesifundo
onomdla kuso!



**Western Cape
Government**
FOR YOU

**Malunga neenkukacha ezithe vetshe yiya ku-
www.westerncape.gov.za/PAY okanye utsalele iCandelo
loLawulo loXhotyiso lwaBasebenzi: 021 483 0742/9456
ngeeyure zokusebenza.**

INGABA NGUWE LO?

- Ubhale kwaye waphumelela iSatifiketi seMatriki sikaZwelonke (NSC) eNtshona Koloni ngowama2022 okanye ngowama2023.
- Awunazo ezinye izicwangciso zokufunda
- Ungummi waseMzantsi Afrika, uhlanga eNtshona Koloni
- Awunayo inethiwekhi okanye inkxaso yokukunceda ukhethe ikhariye ekulungeleyo
- Wena nabazali/abagcini bakho ninengxaki yezemali
- Uneminyaka engama-24 nangaphantsi

Ukuba impendulo yakho ithi “EWE” kuzo zonke ezi zinto zingasentla, iprojekthi yePAY ikufanele!

UQEQESHO EMSEBENZINI LUZA KUBONELELWA KULA MASEBE ALANDELAYO:

1. ISebe leNkulumbuso
2. ISebe leNkulumbuso
3. ISebe lezoLimo
4. ISebe loKhuseleko loLuntu
5. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
6. ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho
7. ISebe lezeMpilo neMpilotle
8. ISebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso
9. ISebe leziBonelelo
10. ISebe loRhulumente weNgingqi
11. UNondyabo wePhondo
12. ISebe loPhuhliso loLuntu
13. ISebe leZinto eziHambayo
14. ISebe leMfundo leNtshona Koloni

YENZA OKU KWENZEKE

- Gcwalisa ifom yesicelo kwi-intanethi.
- Zilungiselele ukubhala ingxelo emfutshane malunga nezakhono zakho eziphambili kunye nobuchule bakho, amava nangeenjongo zekhariye yakho.

YINTONI OZA KUYIZUZA?

- Ngamava omsebenzi kwicandelo likarhulumente
- Iireferensi ezinokuhagamshelwa kwiCV yakho entsha kraca
- Iseti yezakhono kunye namava ayakuthi akwenze uwufumane lula nangakumbi umsebenzi
- Unyaka wokuba ukhethe ikhariye yakho unolwazi kwaye unayo nenethiwekhi yokukuxhasa

INGCEBISO ZOKWENZ' ISICELO

- Yenza idilesi yeimeyili. [Uza kuyidinga ukuze ufake isicelo.](#)
- Xa usenza isicelo, kufuneka [ubhalise kuqala.](#)
- Nceda uligcine igama lakho lomsebenzisi nephasiweedi kwindawo ekhuselekileyo ukuze ukwazi ukufikelela kuyo xa kufuneka.
- Yiya kwithala leencwadi likawonkewonke elikufutshane nawe ukuze ube nokufikelela kwi-intanethi.
- Fumana iziko iThusong Service Centre ekufutshane nawe uze uqonde ukuba linayo kusini na i-intanethi

NCEDA UQAPHELE: Ukuphepha ukungquzulana kwemidla okunokwenzeka, ngelishwa asisayi kuzamkela izicelo zabantu abanabazali (abanamalungu osapho?) abaqeshwe kwizikhundla zolawulo eziphakathi okanye eziphezulu kuRhulumente weNtshona Koloni.



**Western Cape
Government**
FOR YOU

**Malunga neenkukacha ezithe vetshe yiya ku-
www.westerncape.gov.za/PAY okanye utsalele iCandelo
loLawulo loXhotyiso lwaBasebenzi: **021 483 0742/9456**
ngeeyure zokusebenza.**